URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute*
UkuXhotyiswa kooTitshala ngeZakhono

Isalathiso: 20201008-8637
Inombolo yefayili: 12/16/5/R
Imibuzo: HA Brand

INgcaciso eMfutshane yeCandelo i-*Cape Teaching and Leadership* Institute: 0006/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuMlawuli oyiNtloko weZithili, kuBalawuli (kwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zamaZiko eMfundo aPhakamileyo, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isihloko: Uqeqesho lokuya kufundisa ezikolweni (*teaching practice*) kwizikolo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni ngokwemeko-bume kabhubhane i-*COVID-19*

1. Kuthathelwa ingqalelo imbalelwano yangaphambili, yowe-18 Agasti 2020, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) liqinisekisa ngokunika inkxaso yalo kwicandelo loqeqesho lokuya kufundisa ezikolweni lokuFunda okuHlanganiswe noMsebenzi (*teaching practice component of Work Integrated Learning*) njengenxalenye esisiseko yemfundo yootitshala yokuqala ekungenakuthotywa umgangatho wexabiso wayo.

2. Imbalelwano yangaphambili yayichaza oku kulandelayo:

2.1 Njengoko kuchaziweyo liSebe leMfundo ePhakamileyo, uqeqesho lokuya kufundisa ezikolweni (*teaching practice)* lwabafundi bonyaka wokugqibela i-*final-year BEd and Postgraduate Certificate in Education* (*PGCE*) lwaluvunyiwe ukuba luqale nge-01 Septemba 2020 .

2.2 AmaZiko eMfundo ePhakamileyo (*Higher Education Institutions*) (*HEIs*)) ayecelwe ukuba atyumbe izikolo azisebenzisayo kwiprogram yoqeqesho lokuya kufundisa ezikolweni yaye azichaze ezo zicelo nenye ingcaciso enxulumene noko kubalawuli bezithili beSebe i*WCED* nakwiinqununu.

2.3 ISebe i*WCED* liziqonda kakuhle iimfuno ezizodwa zamaziko emfundo ephakamileyo ii*HEI* ngokunxulumene noqeqesho lokuya kufundisa ezikolweni, ezifana nokwazi ukuba abafundi bonyaka wokuqala, abonyaka wesibini nabonyaka wesithathu,

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2000 Fax: +27 21 483 7658
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

banganako ukwenza uqeqesho lokuya kufundisa ezikolweni. Nakuba kunjalo, oku kuya kuxhomekeka ngokupheleleyo kwinqanaba lokusebenza kakuhle kwezikolo njengoko unyaka wesikolo ka-2020 uqhubeka.

3. Emva kokunikwa ingqwalaselo ngocoselelo nasekubekweni esweni kwezikolo ezikwiphondo, iSebe i*WCED* linqwenela ukuqinisekisa oku kulandelayo:

3.1 **Izikolo nootitshala baphantsi koxinzelelo olukhulu** lokulondoloza ukufundisa, uvavanyo nokufunda kakhulu nangokungamandla ngethuba leenyanga ezishiyekileyo zika-2020. Ke ngoko **kukhethwa ukuba bonke abafundi bonyaka wokugqibela (kwi*BEd* ne*PGCE*) balugqibe uqeqesho lokuya kufundisa ezikolweni kwiKota 3 ka-2020.**

3.2 NgoJuni 2020, iSebe leMfundo esiSiseko likazwelonke lachaza ukuba uqeqesho lokuya kufundisa ezikolweni **lwabafundi bonyaka wokugqibela kufuneka lunikwe ingqwalaselo ephambili**. Abafundi bonyaka wokuqala, abonyaka wesibini nabonyaka wesithathu mabangabandakanywa kuqeqesho lokuya kufundisa ezikolweni kwithuba elishiyekileyo lika-2020. Amaziko emfundo ephakamileyo ii-*HEI* sele eziqinisekisile ezinye iinkqubo eziya kulandelwa ngaba bafundi.

3.3 Ngenxa yokuqala emva kwethuba kwezikolo ngo-2021, kunikwe imvume kuphela **kubafundi bonyaka wesithathu nowesine ka-2021** ukuqhubela phambili ngoqeqesho lokuya kufundisa ezikolweni **kwiKota 1 ka-2021**.

4. **Okubaluleke gqitha omakuqatshelwe:**

4.1 Ukuba ngaba ku**thotywa ixabiso lomgangatho walo ibanga lemfundo *(qualification*) lakhe nawuphi na umfundi wonyaka wokugqibela we*HEI* ekupheleni kwalo nyaka wezifundo (ngokungqinelana neemfuno ezingummiselo ezinxulumene nokugqitywa koqeqesho lokuya kufundisa ezikolweni)**, makungeniswe izizathu ezinika inkcazelo yoqeqesho lokuya kufundisa ezikolweni kwiNtloko yeSebe leMfundo.

4.2 Kuhlala kuluxanduva lweziko lemfundo ephakamileyo i*HEI* ukufumana iindawo zokufaka abafundi ezifanelekileyo nokwenza isicwangciso kunye nesikolo malunga nendlela abafundi abanokulungiselelwa ngayo lo gama kuthotyelwa zonke iiprothokholi zempilo nezokhuseleko.

4.3 Kubongozwa kakhulu zonke iinqununu ukuba zinike inkxaso yaye zilungiselele uqeqesho lokuya kufundisa ezikolweni kwizikolo zabo, xa ziceliwe. Ukuqinisekisa ibanga lemfundo lootitshala abaqeqeshwe kakuhle kufuna yonke inkxaso eyimfuneko efanelekileyo koku.

5. ISebe i*WCED* liyathemba ukuba le ngcaciso ichazwe ngentla iya kuqondwa yaye kuya kwenziwa konke okusemandleni ukufumana esona sisombululo sinokuba bhetele.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-10-21